Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek

Byeengebring deur

teachme2

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

2021

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50
ICANDELO B:	Imizuzu engama-20
ICANDELO C:	Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

USIYA KOLISI – UMZEKELO WEMPUMELELO

1 Unyaka we-1995 uya kuhlala ukhunjulwa ngabemi beli loMzantsi Afrika njengonyaka owathi wabazisela ubumnandi nobuncwane bokumanyana njengesizwe. Olu manyano lwalubangelwa yimincili yokuba iqela leli kwezombhoxo, amaBhokobhoko, laliphumelele indebe yehlabathi. Imibhiyozo yayikho phantse kuzo zonke iidolophu zeli. Kuloo mibhiyozo yayilapho nayo inkwenkwana uSiyamathanda Kolisi. Wayethe swii yi'haka' eyingoma yokukhuthaza nokumpompa iqela lase-New Zealand, i-All Blacks. Wayesoloko eyicula le 'haka' ngalo lonke ixesha, elinganisa abadlali be-All Blacks. Kwathi kanti elo iza kuba linyathelo elimsa empumelelweni kwezombhoxo.

2 Ngomhla wesibini kuNovemba wama-2019 abalandeli nabathandi bamaBhokobhoko babethe **xhonkxosholo** kwisikhululo seenqwelomoya i-OR Tambo, beze kuvuyisana noSiya Kolisi neqela lakhe ngokuphumelela indebe yehlabathi ebibanjelwe eJapan. Emva koku, eli qela liye lajikeleziswa ngebhasi ePitoli, eThekwini, eMonti, eBhayi nakwelaseKapa ngeentsuku nje ezimbalwa. Ngalo lonke elo xesha lo kaKolisi uyithe qhiwu ngebhongo i-Webb Ellis Cup elangazelelwa nguye wonke umqeqeshi wombhoxo ehlabathini liphela. Umf'omkhulu unomtsalane ngeendlela ezininzi. Unesidima, uthobekile, unentlonipho nothando olungazenzisiyo kubantu beli loMzantsi Afrika, inkokeli yokwenene. Uthetha athi, 'kundivuyisa kakhulu ukubona abantu bonwabile, kuba nabo banenxaxheba abayidlalileyo kule mpumelelo yethu.' Atsho esithi, unqwenela ukuhlala esenza kakuhle nangakumbi ngoku kunangaphambili. Ngaphezulu, <u>ukwanqwenela</u> ukuba le mpumelelo imanye isizwe.

3 NgokukaKolisi intlupheko kweli lizwe isagquba, ngakumbi kubantu abaMnyama kwaye yena uyazi kuye, akayiva ngokubaliselwa. **Intlungu** yokulala ngamanzi uyivile. **Intlungu** yokuswela imali yentlawulo yesikolo engama-R50 uyayazi. **Intlungu** yokuswelekelwa ngumzalikazi eseneminyaka eli-15 uyazi kakuhle. Nangona kunjalo, zonke ezi meko zibuhlungu azizange zimqhubele ezitratweni ngenjongo yokuzitshabalalisa. Uthi xa achaza imvelaphi yakhe, isixhobo sokudlala asaziyo yena esengumntwana lilitye kuphela. Ngala mava okwazi intlungu yokuswela la amenza ukuba azimisele ukunceda abo bangathathi ntweni ngalo lonke ixesha enako.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

4 Kwamnceda kakhulu ukuzigcinisa kubadlali beqela lombhoxo i-*African Bombers*, kuba watsho wadlala ngebhola endaweni yelitye. Italente yakhe yaloleka yaqaqamba apha. Zalandela izincomo zabantu zimkhwebela ithamsanqa lokukhangelwa zizikolo ngenjongo yokumkhulisa kwezombhoxo, zimqeqeshele ukuba adlalele zona. Wawelwa ngumqa esandleni! Yamthatha i-*Grey Junior School* yase*Bhayi.* Yamhlawulela yonke imali yokufunda nokuhlala esikolweni, de wadlulela kwesamabanga aphakamileyo i-*Grey High School,* iziko elinembali etyebileyo kwezomdlalo wombhoxo. Waphekwa wavuthwa pece, wakulungela ukunyuka amanqanaba ngamanqanaba amthathe ada ambeka kweli zinga akulo namhlanje.

5 Kukuzinikela kukaSiya kumdlalo wombhoxo okumqhubele kule ndlela yempumelelo ayihambayo namhlanje. Uyintandane yabemi beli lizwe bebonke; omdala nomncinci uzingomba isifuba ngale nkokeli yamaBhokobhoko. Le ndumasi uyifumene ngakumbi emva kwempumelelo yeqela lakhe kwindebe yehlabathi. Sithetha nje iinkampani ezinkulu zimfuna ngamandla, zifuna abebubuso bazo ukusukela kwi*veldskoene* ukuya kwimpahla yamadoda yangaphantsi. Kuvakala ukuba nezikhokho zeenkampani ezingoo*Rock Nation Sports no-Jay-Z's* zimlalele kakhulu. Ngubani onokuliyeka elinje lona ithuba? UKolisi, uyinkokeli eseneminyaka engama-28. Ugqame kwezinye iinkokeli ngeempawu zobuntu nobuthandazwe. Uza kulikhokela kwakhona iqela lesizwe nangowama-2023.

6 Lo kaKolisi uthi usapho lwakhe lunendima enkulu oluyidlalileyo kwimpumelelo yakhe kwezombhoxo. Njengekapteni yokuqala eMnyama yeqela le*Springbok* uSiya ulubuyisele umanyano lwabemi beli kwezemidlalo. Ukuphumelela indebe yehlabathi kuyinto ekucacileyo ukuba ibifuneka ngamandla kweli laseMzantsi Afrika, kuba kutsho kwavuselela ihlombe ebantwini, wongeze ngelitshoyo. Imbali yakhe echukumisayo ibubungqina bokuba impumelelo ayizi lula kodwa ngokuzithemba nangokusebenza nzima iyafumaneka. **USiya Kolisi uyinkokeli enomahluko**, kangangokuba akazubayinkokeli yomzuzwana. Oku kungqinwa yempumelelo yakhe.

[Sithatyathwe kwiMagazini, *i-Equinox*; Febhruwari 2020, iphepha lama-31–32 saza saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Xela ukuba uya kuhlala ukhunjulwa ngantoni unyaka we-1995 kweli lizwe. (1)

1.1.2 Chonga igama kulo mhlathi elithetha ukuba uSiya Kolisi wayesemncinane ngeminyaka ngaloo nyaka we-1995. (1)

1.1.3 Yintoni eyayitsala umdla kaKolisi kwiqela le-All Blacks ngokwalo mhlathi? (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)

1.1.5 Nika isizathu sokusetyenziswa kweekoma kwisivakalisi esingezantsi.

'... eli qela liye lajikeleziswa ngebhasi ePitoli, eThekwini, eMonti, eBhayi nakwelaseKapa ...' (1)

1.1.6 Khankanya zibeMBINI iimpawu zesimo sikaKolisi ezifumaneka kulo mhlathi. (2)

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'ukwanqwenela', elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi libonisa ... ulwazi.

A ukwahlula
B ukongeza
C ukuthelekisa
D ukuphungula (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.8 Lubethelela ngcinga ni uphindaphindo lwegama, 'intlungu' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (2)

1.1.9 Xela injongo yokusetyenziswa kwesi sivakalisi singezantsi.

Nangona kunjalo, zonke ezi meko zibuhlungu azizange zimqhubele ezitratweni ngenjongo yokuzitshabalalisa. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.1.10 Sibhekiselele entweni isakhi, 'zi' esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo?
Zalandela izincomo zabantu zimkhwebela ithamsanqa ... (1)

1.1.11 Yakha isivakalisi ngegama, 'iziko' ukuze linike intsingiselo engeyiyo le ikwesi sivakalisi singezantsi.

Yamhlawulela yonke imali yokufunda ... i-*Grey High School,* iziko elinembali etyebileyo kwezomdlalo wombhoxo. (2)

1.1.12 Cacisa ukuchaneka kwentetho, 'wawelwa ngumqa esandleni', xa kubhekiswa kuKolisi ngokwalo mhlathi. Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Ingcaciso ngentetho ethi, 'ukuwelwa ngumqa esandleni.' (1)

(b) Ukuchaneka kwale ntetho ngokubhekiselele kuKolisi. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Jonga kumhlathi 5

1.1.13 Chonga igama kwisivakalisi esingezantsi, eselisetyenziswa kutshanje ukubonisa ukugqwesa kweenkampani ekuthethwa ngazo.

Kuvakala ukuba nezikhokho zeenkampani ezingoo*Rock Nation Sports no-Jay-Z's* zimlalele kakhulu (1)

1.1.14 Tolika okuthethwa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.15 Ingaba uyavumelana noluvo oluthi uSiya ulubuyisele umanyano lwabemi beli kwezemidlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.16 Caphula isivakalisi kumhlathi wesi-5 esixhasa imbono ebhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-6 ethi, uSiya Kolisi uyinkokeli enomahluko. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Uthatyathwe kwi-www.healthyliving.com waza wahlelwa]

1.2.1 Chaza uvakalelo lwabantu abasemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.2 Leliphi iqela labantu elimelwe sisithathu esikulo mfanekiso? (2)

1.2.3 Myalezo mni odluliswa ngulo mfanekiso? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga **nokugcina ingqondo ihlaziyekile**.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili unika iingcebiso ezingezinto amakazenze umntu ukugcina ingqondo yakhe ihlaziyekile.

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi eziphelelelyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C

GCINA INGQONDO YAKHO IHLAZIYEKILE

Ingqondo yomntu ifana nqwa nenjini yemoto, ukuba imoto ithi ukuze ihambe kakuhle ifumane isevisi, nengqondo ikwanjalo. Ezi ndlela zilandelayo ziyakunceda ukugcina ingqondo yakho ihlaziyekile:

Yitya ukutya okunamafutha ondla ingqondo ukuze iiseli zayo zihlale ziphilile. Ukutya amafutha angekho mpilweni kwenza ukuba iseli zobuchopho zibenenwebu eqinileyo, ze oko kwenza ukuba ingqondo ingabinaso isakhono sokusombulula iingxaki nokugcina ulwazi.

Yigcine icocekile ingqondo yakho ngokulala ngokwaneleyo, ukuze ifumane ithuba lokuzicoca. Ixesha elaneleyo ziiyure ezisixhenxe ukuya kwezisibhozo, ulele cum ungaphazanyiswa nto. Ngoko ke cima izibane nazo zonke izixhobo zetekhnoloji.

Lola ingqondo ngokusoloko ufunda izinto ezintsha ukuze ihlale ivulekile neeseli zayo zikhule. Oku ungakwenza ngokuqalisa ukufunda ezinye iilwimi ezingelolwimi lwakho, izixhobo zomculo nangokufunda isigama esitsha solwakho ulwimi mihla yonke.

Sukuxakekisa ingqondo yakho ngokwenza imisebenzi emininzi ngexesha elinye kuba oko kuyenza ingabinamandla. Yimilisele ingqondo kuloo nto inye uyenzayo uzokubanempumelelo nomsebenzi ocoselelekileyo.

Zakhele ubuhlobo nabanye abantu ukuze ubenokuzithemba nengqondo yakho ihlale ikhululekile. Umntu ophila yedwa uhlala enexhala elenza ingqondo ingasebenzi kakuhle. Ukubanabahlobo kuvuselela amandla engqondo.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Lwamkele utshintsho olwenzeka ebomini bakho ujonge ukuba lungaluncedo njani kuwe, ungaloyiki, kuba nalo luyayikhulisa ingqondo. Oku kwenza ukuba uzithembe ubenengqondo ephaphileyo yokumelana nezinto ezintsha, ungazibophelela kwizinto oziqhelileyo kuphela.

Yigcine ihlaziyekile ingqondo yakho ngokuzilolonga ngemithambo nokuba yeyemizuzu engamashumi amathathu ngosuku. Ukuthamba kunyusa isantya sokubetha kwentliziyo litsho igazi lise ioksijini nezakhamzimba ebuchotsheni, kukhule iiseli zengqondo. Lilonke, ingqondo ifuna ukusetyenziswa, yondliwe, igcinwe isempilweni ngalo lonke ixesha izokubanamandla.

[Sicatshulwe kwiMagazini, i-*Move*, EyoMqungu 2020; iphepha 50–51, salungiselwa uviwo]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

[Ithatyathwe kugooglepics.com yaza salungiselelwa uviwo]

3.1 Xela ukuba igama, 'iperi' libolekwe koluphi ulwimi. (1)

3.2 Kutheni ebhalwe ngeefonti ezahlukileyo amagama akule ntengiso? (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'kuphela' elikule ntengiso ligxininisa ukuba:

A Ziyafumaneka nangezinye iintsuku.
B Ziyafumaneka ngempela veki.
C Azifumaneki ngezinye iinyanga.
D Azifumaneki ngezinye iintsuku. (1)

3.4 Chonga u-'nye' ongelilo inani kwesi sivakalisi silandelayo.

Thenga iperi ibe**nye** ukuze uzikhethele e**nye** simahla. (1)

3.5 Khankanya zibeMBINI izinto onokuzenza ngefowuni eluhlobo lwe-*Smartphone* ngokwale ntengiso. (2)

3.6 Chaza indlela azikhusela ngayo umthengisi ukuze angalahlekelwa yimali eninzi ngenxa yale seyile. (2)

3.7 Ingaba umthengisi uphumelele ukubakhuthaza abathengi ukuba babeneekhuponi? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E



[Ithathwe kwi-www.comicstrips.com yalungiselelwa uviwo]

4.1 Chonga amagama amaBINI kwisakhelo soku-1 angqina ukuba uZet udikiwe. (2)

4.2 Inika ngcinga ni ngeESPN intetho kaZet ekwisakhelo sesi-2? (2)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandeyo. Intetho kaZet ekwisakhelo sesi-3 ibonisa ukuba ...

A uyakhalaza.
B uyakhalala.
C uyacenga.
D uyabonisa. (1)

4.4 Xela isakhelo ekusetyenziswe kuso ielipsisi kule khathuni. (1)

4.5 Ingaba uyavelana noZet ngemeko akuyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Yintoni injongo yomzobi ngale khathuni? (2)
[10]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

UJALI UFUNA IMALI ESANDLENI

Njengokuba amaqela amakhulu emfuna onke umdlali weBafana Bafana, uAndile Jali - elona qela elakumsayina lelo liya kuthi limnike imali eya kuthi imonelise. Umphathi walo mdlali, uMike Makaab, uthi uJali ufuna iqela eliza kumnika umgodlo oncumisayo. Kumaqela ekuvakala ukuba **angayifuna** le ngcaphephe kubalwa phakathi kwawo i*Kaizer Chiefs*, i*Orlando Pirates* awayeyidlalela ngaphambili ne*Mamelodi Sundowns,* edume ngokuchitha iimali ezinkulu.

Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo uJali uxelele amajelo eendaba okokuba yena ubuyela kowabo kwaye uza kube edlalela elinye lamaqela akwi*Premier Soccer League* kwisizini ezayo. UMakaab uxelele I'Solezwe okokuba phantse onke amaqela athethile naye malunga nokufumaneka kukaJali. 'Onke amaqela andibuza ngemeko kaJali, kodwa okwangoku, alikho iqela esixoxa nalo,' utshilo.

[Sicatshulwe kwi-I'Solezwe. ka*Tshazimpuzi* 2018, yalungiselelwa uviwo]

5.1.1 Khetha isimelabizo soquko kwesi sivakalisi singezantsi.

Njengokuba amaqela amakhulu emfuna onke umdlali weBafana Bafana … (1)

5.1.2 Lungisa esi sivakalisi singezantsi ngokuthi uphungule uphindaphindo olungeyomfuneko.

Elona qela lakumsayina uJali lelo lakuthi limnike imali uJali enokumonelisa uJali. (2)

5.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Igama, **'angayifuna'** elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa linika intsingiselo yokuba:

A Isenzo sele senzekile.
B Isenzo sinakho ukwenzeka.
C Isenzo asinakwenzeka.
D Isenzo siza kwenzeka. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

5.1.4 Chonga amagama amathathu alandelelanayo kwesi sivakalisi silandelayo, athetha ukuba akukudalanga uJali ethethe namajelo eendaba.

Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo uJali uxelele amajelo eendaba okokuba yena ubuyela kowabo … (1)

5.1.5 Fakela isimaphambili kwisiqu, '-phatha'ukuze kwakheke isibizo wandule ukusibenzisa ngokuchanekileyo kwisivakalisi.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isibizo (1)

(b) Isivakalisi (1)

5.1.6 Guqula esi sivakalisi sibekwintetho-ngqo.

UJali uthe uza kubuyela kowabo. (3)

5.1.7 Xela iindidi zezivumelanisi ezibhalwe ngqindili kwesi sivakalisi.

Onke amaqela a**ndi**buza ngemeko **ka**Jali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) a**ndi**buza (1)

(b) **ka**Jali (1)

5.1.8 Bhala la magama abhalwe ngqindilili ngendlela alandelelana ngayo kwisichazi-magama (kwidikshinari).

I'Solezwe lifumaneka ngazo **zonke** iisizini **zonyaka**. (2)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

5.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO

[Uthatyathwe kwi-www.sportforliving.com]

5.2.1 Guqula isivakalisi esingezantsi sibe kwimo yombuzo.

Umdlalo uyimpilo kuye wonke umntu. (2)

5.2.2 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo usiqale ngegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Ungadlala nawe njengooThsana aba. (2)

5.2.3 Yakha isivakalisi ngesenzi, 'khabela' ukuze sithathe iinjongosenzi ezimbini.

Umzekelo: Isenzi (tyisa)
Usisi utyisa umntwana ukutya. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80